

— IMBIZO —

KAMONGAMELI EZA KUZINYASWA

NGUMONGAMELI UCYRIL RAMAPHOSA



**LEAVE NO
ONE BEHIND**

Ukuqondisisa iNkqubo yoPhuhliso lweZithili (i-DDM)

Isithili esinye, iNdlela Enye, iSicwangciso Esinye, uHlahlo lwabiwo-mali Olunye

1. Yintoni i-DDM?

Yindlela karhulumente yokuphucula ucwangciso oluhlanganisiweyo kunye nonikezelo lweenkonzo kuwo onke amaqanaba amathathu karhulumente kwakunye nemimandla yesithili nembaxa njengeendawo ekugxininise kuzo ngurhulumente necandelo labucala lotyalo-mali.

2. Kutheni kuyi-DDM?

I-DDM yamkelwe yiKhabhinethi ngomhla wama-21 kweyeThupha 2019 ngenjongo:

- yokuphucula ngesantya esiphezulu ulawulo lwentsebenziswano kunye nekhokco lwemvisiswano phakathi koorhulumente elijoliswe ekwakheni isizwe esikwaziyo ukuba kwimeko yophuhliso olufanelekileyo.
- yokuqinisa isicwangciso-qhinga selizwe kuwo omathathu amaqanaba karhulumente, sicwangciso eso esinxulumene nezithili kunye nemimandla yoomasipala abambaxa engama-52.
- yokwazisa ngenkqubo ebonakalayo kwakunye nendlela yokusebenza kukarhulumente kwiinkalo zocwangciso oluhlanganyelweyo, uhlahlo lwabiwo-mali nokuphunyezwa kwezicwangciso ezo.
- yokwenza ukuba iphumelele imibono yesicwangciso-qhinga sexesha elide ecwangciselwa iminyaka emininzi, uhlahlo lwabiwo-mali kunye nemijikelo yonyulo eyenziwe ngokuhlanganyelweyo ngawo omathathu amaqanaba karhulumente, amasebe ecandelo kwakunye namaqumrhu karhulumente.
- yokudibanisa iziphumo zocwangciso olwenziwe ngokuhlanganyelweyo zexesha elide zibe sisiCwangciso esiNye.
- yokukhokela kwakhona iphucula ukwahlulwa-hlulwa komhlaba kunye nokuhlenga-hlengiswa ngelokubeka phambili iinkqubo ezibalulekileyo, nohlahlo lwabiwo-mali lwawo omathathu amaqanaba karhulumente.
- yokusebenzisa zonke izigqeba ezikhoyo zoBudlelwane kuRhulumente (i-IGR) ukuze kugunyaziswe, kwamkelwe kananjalo kubekwe esweni isiCwangciso esiNye.
- yokuphumelelisa i-DDM ukuze ibekwelona nqanaba liphezulu ngokusebenzisa uMongameli neKhabhinethi, exhaswa liSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli (i-CoGTA).
- yokwazisa ngeZizinda ezingundoqo ze-DDM njengenxalenye yomthamo owandisiweyo we-CoGTA.
- yokuphucula ubume borhulumente wasekhaya.



REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



3. Iinjongo ze-DDM

Xa zizonke iinjongo eziwangcisiweyo ze-DDM zezi:

- Ukusombulula indlela yokusebenza enguzimele geqe kunikezelo lweenkonzo kwinqanaba likarhulumente eliphezulu nelisemazantsi.
- Ukwandisa ngokuthe xhaxhe ifuthe kwaye silungelelanise izicwangciso zethu zimelane nezixhobo esinazo ukuze sikwazi ukuphumeza uphuhliso oluthi "ISithili Esinye, iSicwangciso Esinye noHlahlo lwabiwo-mali Olunye".
- Ukunciphisa umgama ophakathi kwabantu kunye norhulumente ngokomeleza indima yamandla okusebenzisana kwinqanaba lesithili kwakunye nelesixeko.
- Ukuqinisekisa uhlahlo lwabiwo-mali olubandakanyayo ngokwesini kananjalo olusekelwe kwiimfuno neminqweno yabantu bethu noluntu ekuhlaleni ngokubanzi.
- Ukuqinisa amandla karhulumente ukuze akwazi ukuxhasa oomasipala.
- Ukomela amandla okubekwa kweliso novavanyo kwinqanaba likarhulumente wesithili kunye nowendawo.
- Ukuphumeza indlela yophuhliso olulinganayo phakathi kwemimandla yasezidolophini neyasezomaphandleni.
- Ukuqinisekisa uphuhliso oluzinzileyo ngelixa kukhawuleziswa amalinge okukhuthaza ukupheliswa kwentlupheko, ukukhuthaza amathuba engqesho nokulingana.
- Ukubeka iliso kuhlalo lwabiwo-mali neeprojekthi ngendlela ethembekileyo neselubala.

4. Ukuphunyezwa kwe-DDM

Le nkqubo yokuphunyezwa kwe-DDM izakwenziwa ngokulandela iinkqubo ezimbini ezinxulumeneyo eziza kulandela ngurhulumente wonke. Ezi nkqubo ke kukwahlulwa-hlulwa komhlaba nokunikezelwa kweenkonzo ngokweemfuno zabantu bommandla lowo othile, kwakunye nokuhlenga-hlengiswa kwezinto ngokokubaluleka kwazo.

Ukwahlulwa-hlulwa komhlaba kubhekiselele ekuphumeleliseni iinjongo nasekwenzeni uphuhliso olubonakalayo kwimimandla (kwisithili kunye nomasipala ombaxa) olu phuhliso kufuneka ifuthe lwalo oluhle lubonake kubomi babantu nakwiindawo abahala kuzo. Ukuhlenga-hlengiswa ngokubaluleka kwezinto kuthetha ukuphonononga nokutshintsha izicwangciso nohlalo lwabiwo-mali ukuze kuphunyezwe iimfuno ezibonwa nangu thathatha ukuba ziyimfuneko engxamisekileyo eluntwini. I-DDM iza kuphunyezwa ngophononongo kunye nokuhlenga-hlengiswa ngokubaluleka kwezicwangciso, uhlalo lwabiwo-mali kunye neenkqubo, oku kuzakwenzeka kwinqanaba ngalinye lika rhulumente, isebe lecandelo kwakunye neziko likarhulumente.

5. Zintoni iZizinda ze-DDM?

IZizinda ze-DDM ziyinxalenye yamalungiselelo ewonke amaziko okuphunyezwa kwe-DDM. Ezi zizinda ziyinxalenye yokwandiswa kwamandla e-CoGTA ngeenjongo zokudlala indima yayo ekuqhubeleni phambili ukumiselwa kwe-DDM kumaziko okuququzelela ukuqulunqwa, ukwamkela, ukuphunyezwa, ukubeka iliso nophononongo lweZicwangciso eziza kuba siSicwangciso Esinye.

ISizinda se-DDM sithathwa njengothungelwano lwenkxaso okusebenzayo kunye nenkqubo yokuququzelela ucwangciso phakathi koorhulumente ngokunxulumene nomasipala wesithili esithile okanye umasipala ombaxa okanye indibaniselwano yeendawo zesithili okanye zomasipala ombaxa.

6. Iinjongo zeZizinda ze-DDM

Iinjongo eziphambili zezizinda ze-DDM zezi:

- Ukuququzelela bonke abo abadlala indima kurhulumente wonke kunye noluntu ukuba babelane ngolwazi lwabo ngemeko yesixeko esibaxa, imingeni kwakunye namathuba.

- Ukuququzelela nokwenza ukuba kuphuhlise umbono ofanayo oxhaswa ziziphumo ezilandelelwe ngumntu wonke, nezikwalula ukuba zenzeke kwixesha elizayo.
- Ukuququzelela nokwenza ukuba kubekho isivumelwano phakathi kwabo bonke abadlala indima kurhulumente wonke uphela noluntu ngokubhekiselele kungenelo olucwangciselweyo, iimodeli zotshintsho kunye nenguqu, imiba ekujoliswe kuyo, izibophelelo kunye noxanduva ukuze kufikelelwe kwiziphumo zexesha elizayo ekuvunyelweni ngazo.
- Ukunxibelelana namaziko asekuhlaleni asele ekhona kunye namaqumrhu ukuze kubekho iinkcukacha ezithembekileyo, iinkcukacha, uphando kunye neenkqubo zolwazi ukuze kuthathwe izigibho ezisekelwe phezu kobungqina obuqinileyo.
- Ukuququzelela intsebenziswano ethembekileyo nenzulu phakathi koorhulumente kunye neeseshini zocwangciso ezikhulula ingxuba-kaxaka zokuchasana, ukungalingelani kwakunye nokuphinda-phindwa kwezibonelelo nemisebenzi.
- Ukukhokela nokujinisekisa umsebenzi wobungcaphephe kunye namalungiselelo enziwa ngawo onke amasebe kazwelonke nawamaphondo, amaqumrhu karhulumente noomasipala ngelixa efaka igalelo ekuyilweni kwesiCwangciso esiNye.
- Ukucacisa imiba ebalulekileyo yonxibelelaniso, ulungelelaniso, nokwenziwa kwezigqibo kwakunye nokuchazwa kwale miba kwiSicwangciso esiNye; kwano
- Ukulungelalanisa izinto zikazwelonke eziphambili ngokubaluleka, iinjongo, izinto ekujoliswe kuzo kunye neenkqubo zasekuhlaleni, kwakunye nocwangciso lokuthatha inxaxheba, iziCwangciso zoPhuhliso oluDidiylweyo (ii-IDP), njl.njl.

7. Ukuphuhlisa kweSicwangciso esiNye

ISicwangciso esiNye sisicwangciso sikarhulumente esinjongo yaso ikubeka inkqubo-sikhokelo yesicwangciso sexesha elide ngelokokhokela utyalo-mali kunye nonikezelo lweenkonzo ngokuhambiselana neemfuno zesithili esithile okanye indawo yesixeko esibaxa. Isiqhamo sentsebenziswano yawo omathathu amacandelo karhulumente ("Asekwe ngaxesha nye"), ikwasekelwe kwizicwangciso esele zikhona kakade.

Ucwangciso oludibeneyo lufikelela encokcoyini yeSicwangciso esiNye sikaRhulumente ngokunxulumene nendawo nganye kwezingama-52 zeSithili kunye nezixeko eziMbaxa. ISicwangciso esiNye siyiNkqubo-sikhokelo YesiCwangciso Sexesha Elide esibandakanya iinjongo/ungenelo lwexesha elifutshane, eliphakathi nelide lokukhokela lonke utyalo-mali likarhulumente nolwabucala phakathi kwesithili kunye nemimandla ombaxa. Kodwa ke ayisiko isicwangciso esineenkukacha okanye esibanzi esigaquka uluhlu olupheleleyo lwemisebenzi noxanduva lwesebe nomasipala. Esi Sicwangciso siNye siphuhlisa ngokuthi kubekho inkqubo yentsebenziswano phakathi kwabo bonke abathathinxaxheba kwaye siwakuququzelela ukwabelana ngokuqonda ngesithili/ummandla ombaxa.

Ikwachaza ibonise umbono ofanayo okuvunyelweni ngawo kunye neziphumo eziqwenekelayo zexesha elizayo.

Ikwachaza izinto ekujoliswe kuzo kunye nezibophelelo eziphambili zawo omathathu amanqanaba karhulumente nabo bachaphazelekayo, kwaye yamkelwa njenge-IGR kunye neSivumelwano soLuntu. Ukuphunyezwa kweSicwangciso esiNye kwenziwa licandelo ngalinye likarhulumente ngokokulandelela ixesha elimiselweyo loMjikelo woCwangciso kaRhulumente, oku kubandakanya ukuphononongwa kweNkqubo-sikhokelo yeSicwangciso yesiThuba esiPhakathi, ukuqulunqwa/uphononongo lwezicwangciso-qhinga zecandelo, izicwangciso zesebe kunye nezicwangciso-qhinga zokusebenza zonyaka; kunye neziCwangciso zokuKhula noPhuhliso loMasipala, iNkqubo-sikhokelo yoPhuhliso lwendawo kunye ne-IDP.

Follow us and participate in discussions on



@GovernmentZA

#Presidentialmbizo